Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND
UNOVEMBA 2024

P.O. Box 20 Hermanus 7200
Hermanus 028 313 8000
Gansbaai-Stanford 028 384 8300
Kleinmond 028 271 8400
24/7 Municipal Emergencies:
Basic Services 028 313 8111
Fire & Rescue 028 312 2400

Bulletin

#overstrand4all *Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni* #C4ourself

UKUQALISWA KWEEBHASI ZOKULAWULWA KOLWAPHULO-MTHETHO EZINDLELENI

Apho abathe babona ukuqaliswa kweBHASI yokuqala yase-Overstrand YOKULAWULA ULWAPHULO-MTHETHO ezindleleni ibe liGosa lezeNdlela eliyiNtloko, uRudi Fraser; uMphathi wesiKhululo samaPolisa saseHermanus, uColonel Gustav Tamboer; iNtloko yeZithuthi zePhondo eCaledon, Thembile Qunta; uMlawuli: woKhuselo loLuntu lukaMasipala, uNeville Michaels; uMongameli weZithuthi, uPatrick Africa; uSekela Sodolophu kunye neLungu leKomiti kaSodolophu yoKhuselo loLuntu, uLindile Ntsabo; uMhloli weSithili: K9 Unit, uPeter Marais; uSodolophu weSigqeba, uGq. Annelie Rabie; uMlungelelanisi woKhuselo lweSithili wase-Overstrand, u-Omar Valley; uMongameli oPhezulu weZithuthi waseTheewaterskloof, uRomeo Hendricks, kunye noMlawuli: weeNkonzo zoLuntu, uSeon Swartz.Ngaphambili liLungu leKomiti kaSodolophu loKhuselo loLuntu, uCeba Ronald Nutt; iNtloko eNcedisayo: iiNkonzo zeZithuthi namaPhepha-mvume, Xenophon Titus; kunye neCEO ye-Ultimate Traffic, uMaurice Kannemeyer, kunye negcisa eliyintloko, uNathan Jones.

Njengenxalenye yephulo elingenalusizi lokwandiswa kokhuseleko ezindleni nokunceda kukubhangiswa kolwaphulo-mthetho, iiyunithi ezijikelezayo ezixhotyiswe ngokupheleleyo ziya kubekwa kwixa elizayo ngakuyo yonke imigaqo ephantsi kommandla wolawulo lukaMasipala wase-Overstrand.

Ezi bhasi zincinane ezineenqwelwana ezirhuqwayo zixhotyiswe ngokupheleleyo ukulungisa naliphi na ityala lesithuthi ngoko nangoko nokupheliswa kwimigaqo yethu kwezithuthi ezingenawo amaphepha-mvune/ezingafanelekanga ukuba semgaqweni zipheliswe nya kube kanye.

Inkqubo ezenzekelayo yokubonwa kwenombolo yepleyiti yesithuthi (ANPR) ekhoyo KWIBHASI YOKULAWULWA KOLWAPHULO-MTHETHO inekhono lokubonisa amatyala angahlawulwanga, iisamani nemisila yengwe ngoko nangoko.

Ukuba ngaba olo lwaphulo-mthetho lunokufunyaniswa, abaphuli-mthetho baya kunikwa ithuba lokuhlawula lo mcimbi ngoko nangoko ngokwenza intlawulo kusetyenziswa ipothali Yoco okanye inkonzo yentlawulo eyenziwa ngumntu kwi-intanethi, iNetcash.

Ubungqina bazo zonke ezo iintlawulo buya kufakwa kwikhompyutha ngoko nangoko. Kwiimeko apho umaphuli-mthetho angenakho okanye esala ukusebenzisa le ndlela, iisamani okanye isaziso (njengoko imeko inokuba njalo) siya kukhutshwa yaye sishicilelwe ngoko nangoko.

Njengoko ixesha leholide sele likufutshane, icebiso lethu kubaqhubi bezithuthi kukuba baqinisekise ngento yokuba onke amatyala ahlawulwe phambi kokuba bangene endleleni.

Abahlali base-Overstrand abafuna ukuqinisekisa ngento yokuba konke kulungile bamkelekile okokuba baqhagamshelane

ne-ofisi yezithuthi ekufutshane okanye atsalele

umnxeba kwi-'Traffic' kule nombolo

028 313 1044|8136|8936

Indlu yethu. Ikhaya lethu. Okukokwethu.

Ekuqaleni ku-Oktobha, uTertuis Simmers (uMphathiswa weZibonelelo weNtshona Koloni) kunye noGq. Annelie Rabie (uSodolophu weSigqeba) kunye nenani looCeba banikezele ngeetayitile kubaxhamli abangama-69 eBlompark, abasixhenxe ePearly Beach kunye nabathandathu eStanford.

Iiprojekti zophuhliso lwezindlu eBlompark naseStanford ziyaqhubeka.

EBlompark, isambuku seeyunithi zezindlu ezingama-539 sanikezelwa, kuzo iiyunithi ezingama-400 zazisele zigqitywe zaze zanikezelwa. Kwiiyunithi ezigqityiweyo, ezisibhozo zazakhelwe zaze zabelwa abaxhamli abakhubazekileyo abafanelekileyo. Ukwakhiwa kweeyunithi ezili-139 eziseleyo kuya kuqaliswa kunyaka-mali wama-2025/26.

Kwiiyunithi zezindlu ezingama-621 ezicwangciselwe uphuhliso eStanford, ama-300 asele egqityiwe yaye iiyunithi zezindlu ezingama-2-9 sele zinikezelwe kubaxhamli. Iiyunithi ezangezelelweyo ezingama-250 zilindeleke ukuba zigqitywe ngoMatshi 2025.

USodolophu Rabie ukhuthaze abanini bamakhaya okokuba babe nokuzingca ngeepropati zabo yaye balungise imiba yololongo (umz., iifestile ezaphukileyo okanye iitephu ezivuzayo) nje ukuba zibekho.

UCornelisa Moses, obudala buyiminyaka engama-72, wamkele itayitile ku-Sodolophu Rabie kunye noMphathiswa Simmers.

INGABA ITANKI LAKHO lelindle LIVALWE NGCI NA?

Apho ipropati ingenakho ukudityaniswa nothungelwano lwelindle, abanini abanayo enye indlela ngaphandle kokuxhomekeka kwitanki lolondolozo okanye kwitanki-sibolelo.

Abo basebenzisa amatanki anjalo banyanzelekile okokuba baqinisekise ngento yokuba amatanki abo avalwe ngci.

Njengoko kuchaziwe kwiMithetho yeSizwe yoKwakha (SANS 10400), "itanki lolondolozo okanye itanki-sibolelo liya kuyilwa yaye lakhiwe okokuba lingabi nakungenwa ngamanzi", into ethetha okokuba amanzi angaphantsi komhlaba kufuneka athintelwe okokuba angene kwitanti yaye ilindle lithintelwe ethubeni livuzele emhlabeni.

Kwimimandla apho itheyibhile yamanzi iphezulu, ukuqiniswa nkqi kwamatanki kusoloko kuba sesichengeni, ingakumbi kwimeko yeendawo zokuhlala ezindala yaye ze kubekho izandyondyo zemvula iintsuku ezininzi.

Omnye uqondiso ocacileyo wokubonisa into yokuba itanki lakho alivalwanga ngci kuxa umthamo welidle ompontshwe uvele kwitanki lolondolozo lisigqitha isixa samanzi esisetyenzisiweyo ngeso sithuba.

Ukuba urhanela okokuba itanki lakho lolondolozo lisenokuthi kanti alivalwanga ngci, unakho ukucela umasipala okokuba aqhube uhlolo ukuqinisekisa isimo sayo.

Umrhumo ochaziweyo uya kuhlawulelwa olo hlolo yaye ukuba ngabi itanki liyasilela ekufezekisa izidingo zohlolo, kungadingeka okokubaufakele elinye itanki ngeendleko zakho kwisithuba esimiselweyo.

Ngaphezulu, ukuba ngaba itanki-sibolelo lakho lifunyaniswe livuza okanye lingavalwanga ngci ngethuba lohlolo olungacwangciswanga, umasipala angdinga okokuba ulihlaziye okanye ufakele itanki lolondolozo endaweni yalo ngeendleko zakho.

YIZAME!

KHUPHA I-APP YECOLLAB CITIZEN MOBILE

Khangela iqhosha eliluhlaza leCollab Citizen kwiGoogle Play Store, Apple App Store okanye kwiHuawei App

Isikhokhelo esilula sokuya KWIZICELO ZENKONZO

Izigingqi ezisemgaqweni, imibhobho egqabhukileyo, izibane zasesitalatweni ezaphukileyo nokufundwa kwemitha okungalungelelananga yeminye nje yemiba olunokuthi uninzi lwabahlali luyizise kwingqwalasela kamasipala imihla yonke.
Loo miba inakho ngoku ukulungiswa ngaphandle kwengxaki ngokuthi ufake isicelo senkonzo usebenzisa iCollab Citizen app. Ngaphezuli, i-app inceda abahlali ekulandeleni inkqubela phambili nokugcina irekhodi esesikweni ngonxibelelwano lwabo nomasipala.

- **ISICELO SENKONZO** sisicelo somsebenzi ekufuneka wenziwe.
- Ekupheleni kukaSeptemba, izicelo zenkonzo **ezingama- 10 682** zingeniswe ngokusetyenziswa kwe-app kunyaka wama-2024 kuphela, apho **ama- 2%** sele zigqityiwe.

ULONDOLOZO +

- AKUSETYENZISWA MFONO-MFONO UKUFAKA NOKULANDELA IZICELO ZENKONZO
- AKUKHO MIGCA UZA KULINDA KUYO

IIMPAWU HEZIPHUCULWEYO NEZEHLO

Uninzi lwabasebenzisi baxele iinxaki zokufumana indawo elungileyo apho inkonzo idingeka khona kwimaphu, ingakumbi kumathuba apho ipropati ithe yahlulwahlulwa okanye kwimeko apho umntu owenza isicelo senkonzo engenguye umhlali oyintloko.

Kwixa elizayo, abasebenzisi baya kuba nakho ukutshintsha iidilesi zabo ngesandla kwiimeko apho idilesi ingafumanekiyo kwimaphu okanye apho imaphu yenkonzo ingayinakani idilesi yabo. Ngokulandela ngokulula amanyathelo alula alandelayo ngasezantsi, idilesi ekhoyo ekufutshane iya kuboniswa endaweni yaleyo.

Landela amanyathelo ukungenisa isicelo senkonzo. Xa ucelwa okokuba uchonge indawo yakho, ungakhetha ukuyitshintsha idilesi yakho.



Cofa kwiqhosa elithi TSHINTSHA IDILESI
Faka kwisitalato # & igama lesitalato

Cofa kwiqhosha elithi RTHINTSHA IDILESI (RESET ADDRESS)

Emva kwangoko yehlela ngasezantsi ukukhetha uhlobo lwenkonzo ze uqhube ngokwesiqhelo.

IINGXELO ZE-AKHAWUNTI:

Okunye okwenzekayo okunika umdla kokokuba sinethemba lokunikezela abasebenzisi ababhalisiweyo ilungelo elipheleleyo lokungena kwii-akhawunti zabo zikamasipala besebenzisa i-app ngokukhawuleza kulo nyaka ulandelayo. Ngokwakaloku nje, abasebenzisi abanakho ukuzibona okanye abanalo ilungelo lokungena kwiingxelo zee-akhawunti. Banakho, ngoko, ukusebenzisa i-app ukucela ukuba imali ekufuneka ihlawulwe kwi-akhawunti kunye neengxelo mazithunyelwe kusetyenziswa i-imeyile yaye bafake izicelo ze-akhawunti.

Ukulandelwa okwenziwe lula KWENKQUBELA-PHAMBILI



Sicela abasebenzisi okokuba baqinisekise ngento yokuba isicele esinye asisele sifakiwe ngomnye umntu.

Onke amaqela achaphazelekayo aya kuba nakho ukulandela inkqubela phambili eyenziweyo ngesicelo ze bafumane inkcazelo enye kunye neempendulo njengomenzi wesicelo wokuqala.

COFA UKULANDELA!

Abasebenzisi abanikezelweyo basebenzisa iqhosha le-app ***"Izaziso"***, baya kuba nakho ukulandela inkqubela phambilingezicelo zabo ukususela ekuqaleni de kube sekugqibeleni. Ngamanye amazwi, baya kufumana iingxelo rhoqo ngexesha elifanelekileyo, kushenxiswa isidingo sokutsalela umnxeba umasipala ukukhangela inkqubela phambili.

Isicelo senkonzo ngasinye esingeniswe kusetyenziswa i-app sinikwa inombolo yokukhangela.

Okudingayo ukuba ukwenze ukulandela isicelo sakho kukuqhubeka uye kwiqhosha ***"IZicelo zeNkonzo"*** ze ukhethe ***"ULuhlu Lwam"*** ukubona uluhlu lwazo zonke izicelo zakho.

Xa ucofa kwisicelo, uya kuyibona inombolo yokukhangela yesicelo nenqanaba esikulo: Umzekelo, ***"sinikezelwe"*** kuthetha ukuba isicelo sakho sifunyenwe saze sinikwa ingqwalasela.

Ukukhangela impendulo kwisicelo, cofa ***"kwiZimvo"***.

Ukuba ngaba ufuna ukunika uluvo kwimpendulo oyifumeneyo, cofa nje lula ***"IZimvo ezangezelelweyo"*** ekupheleni kweskrini. Inkqubo iya kusazisa okokuba uluvo lwangezelelwe, yaye iqela elifanelekileyo liya kuphendula ngoko nangoko.

UKUFUNDWA KWEMITHA

Sebenzisa i-app ukungenisa amanani akho emitha!

Ukuqinisekisa ngamanani achanekileyo okufundwa kweemitha zamanzi nezombane, unakho ukungenisa amanani akho okufundwa kweemitha (ngokukhethekayo ngosuku olunye rhoqo ngenyanga) kusetyenziswa i-app iCollab Citizen.

Esikufunayo koku • i-akhawunti yakho/inombolo yesiza kunye • nefoto elicacileyo lamanani okufundwa kwemitha.



Amashishni anakho ngokunjalo ukungenisa izicelo zenkonzo "B."

Ngokulula fakela u **"B."** ekuqaleni kwenkcazelo yakho yesicelo ze ulandele inkqubo enye njengoko ifanelekile ekungeniswe kwesicelo senkonzo somntu ngamnye. Iindlela ezibandakanyiweyo zezi

- ukulawulwa kolwakhiwo • ukucandwa ngokutsha
- ukwahlulwa-hlulwa • iziza ezizele lukhula neeploti
- inkunkuma • ilindle • amanzi • ukunyanzeliswa komthetho, ukuchaphazela nje ezimbalwa.

Collab Citizen App

Sikhona ukukunceda!

Ukuba ngaba unesikhalazo malunga nendlela esiphethwe ngayo isicelo senkonzo, nceda unike ingcaciso ngokwangezelela uluvo kwisicelo sakho senkonzo. Siya kuqinisekisa ngento yokuba umba uhanjiselwa phambili ze ulungiswe.

Kwiimeko apho isicelo senkonzo siqukunjelweyo kodwa akwanelisekanga ngomsebenzi owenziweyo, nceda uthumele i-imeyile kule dilesi **citizenapp@overstrand.gov.za** okanye ungenise isicelo esitsha senkonzo ukuxela umba. Siya kuphendula ngokukhawuleza kakhulu.

Ukuba ngaba udinga uncedo ngokusebenzisa i-app, unakho ukutsalela umnxeba kwiziko loqhagamshelwano elisebenza iiyure ezingama- **24** iintsuku ezisi-**7** kule nombolo **028 313 8000**.

www

Kungenjalo, ngena kule webhusayiti http://www.overstrand.gov.za/overstrand-collab-citizen-app ukufumana amacebo aluncedo nezixhobo.